



Ikamva-Ukunonophela  
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

**Isihloko sesifundo: Ukugcina iSabatha ingcwele - uMthetho wesi 3**

# Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



# Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso esithi “Ukugcina iSabatha ingcwele-uMthetho wesi 3

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

## Uzilungiselela usibele njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebisu endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonko elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: <a href="https://bit.ly/3NACSSH">https://bit.ly/3NACSSH</a>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"><li>• iBhayibhile</li><li>• Isifundo esikwimo yePDF eselete ilungisiwe</li><li>• Incwadi yomsebenzi womntwana kanye neepensile, iikhrayoni, njl.</li><li>• Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziwego / sisixhobo esongezelwego sokuzikhethela</li><li>• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso)</li></ul> <p><b>Qaphela:</b></p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemvu kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!</p> <p>ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelanelo notitshala wesiqinisekso ukuba ufunu naluphina uncedo okanye ufunu nasiphina sisixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.



# Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekaka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apha wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. <b>Umzekelo:</b> Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono Iwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku.....)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

## Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



## Isifundo

**Isihloko seSifundo**

Ukugcina iSabatha ingcwele – uMthetho wesi 3

**Injongo yesifundo**

Abaqinisekiswa bafunda indlela yokugcina iSabatha ingcwele. Bafunda indlela yokuzilungiselela kuyo yonke inkonzo yobungcwalisa kwanezibonelelo ezinxulumene zokugcina iSabatha ingcwele.

**Isicatshulwa  
seBhayibhile**

livesi ezininzi njengoko kubhekiselwe kwisikhokelo sabazali esingezantsi.

## Isishwankathelo sesifundo:

Kwesi sifundo siza kucacisa uMthetho wesi 3: **Khumbula umhla weSabatha uze uwugcine ingcwele**. Siza kufunda ukuba kuthetha ukuthini ukugcina iSabatha ingcwele. Siyacelwa ukuba sicinge malunga nento esiyenzayo ngeCawa? Sizilungiselela njani kwinkonzo yobungcwalisa? Siyilungiselela njani imiphefumlo yethu?

**Khumbula umhla weSabatha ukuba uwugcwalise. (Eksodus 20: 6-11)**

Lo mthetho usikhuthaza ukuba sibekele ecaleni usuku olunye lweveki:

- lokunqula uThixo,
- lokuba sibe nombulelo kwaye sikhumbule izinto asenzele zona uThixo nezinto asenzela zona (imisebenzi yosindiso),
- sizibandakanya nelizwi likaThixo.

**“Isabatha” - usuku lweNkosi**

ISabatha ngumhla wesi-7 kwikalenda yamaJuda. UThixo waphumla ngomhla wesi-7 xa walidalayo ihlabathi waza walingcwalisa (walenza langcwele). Oku kuthetha ukuba uThixo akalithathi nje kuphela ukuba ngumhla wokuphumla kodwa njengomhla omele ukuba ugcinwe ungcwele. Olu suku lokuphumla silunikiwe ukuba sikhumbule umsebenzi kaThixo wokudala (iNdumiso 92: 1-5).

KwiTestamente Endala, olu suku lwalukhunjulwa ukudumisa uThixo ngokukhulula (ukukhulula) amaSirayeli eYiphuta.

KumaKristu, iSabatha yiCawa. UYesu wavusa kwabafileyo ngeCawa. AmaKristu ayicingela njengeCawa engcwele.

**'Ukuyigcina ingcwele'**

Ngexesha leTestamente Endala, uThixo wanika iSabatha njengesipho. Yayenzelwe ukuba ibe lusuku apho abantu babeza kumphumla ngalo emsebenzini babuyelete kuThixo ngaphandle kokuphazanyiswa. Ukugcina iSabatha ingcwele kwakuthetha ukuba neenkonzo zobingebolelo ezikhethekileyo (iNumeri 28: 9-10) nokuphepha ukwenza ishishini kwakunye nentetho engasebenziyo.



KwiTestamente eNtsha, uYesu waya kwindlu yesikhungu (indawo yokunqula yamaYuda) ngeSabatha. NoYesu waphilisa abagulayo. (Luka 6: 6-11) Ababhalu ngelo xesha, babemjonga njengoYesu ephilisa abagulayo, "umsebenzi". Ingaba uYesu akazange awuthobele umthetho? UYesu wayenza yaicaca into yokwenza okulungileyo kwabanye akuxabisekanga nje kuphela kodwa kuvunyelwe ngomhla wesabatha.

### Siyigcina njani ingcwele iSabatha?

iCawa kufuneka ibe lusuku lokuphumla kunye nosuku lokubhiyozela umphefumlo.

Sigcina iSabatha ingcwele ngoku:

- nqula uThixo kwinkonzo yobungcwalisa
- kufunxa ilizwi laKhe ngokholo (oku kuthetha ukukholelwa kunye nokwenza ngokwegama esilivayo kwinkonzo)
- kuxolelwa izono zethu
- kuthatha inxaxheba ngokufanelekileyo kumzimba negazi likaYesu Krestu

Abo bangakwaziyo ukuya kwinkonzo yobungcwalisa banako ukuyigcina iCawa ingcwele ngokufumana unxibelewano noThixo kunye nebandla ngomthandazo. Oku kusebenza kwabo kufuneka basebenze, abagulayo, abakhubazekileyo okanye abalupheleyo.

### Ndenza ntoni ngeCawa?

- Cawa lusuku olubaluleke kakhulu kuthi.
- Inkonzo yobungcwalisa yeyona nto ibaluleke kakhulu.
- Sifuna ukugcina usuku lungcwele
- Nantoni na esiyenzayo ngeCawa luxanduva lwethu.
- Uzibuze: yintoni into endiyenzayo ngexesha lam ngeCawa- ingaba likulungele usuku olubekelwe iNkosi?

### Ndizingcwalisa njani (umphefumlo wam) nokuba ndiwungiselela njani umphefumlo wam?

- Cawa lusuku lobabalo kunye neentsikelelo ezinikezelwe nguThixo.
- Ukuze ube namava olu babalo nentsikelelo, kufuneka sizilungiselele.
- Oku kuthetha ukuba kusuku oludlulileyo nangentsasa engaphambi kwenkonzo, sele sizixakekisa ngale ngemini.
- Singayifunda eminye imipapasho, njengaCommunity, iBhayibhile, iCatechism; simamele umculo wenkonzo yethu; cinga ngendlela esiziphathe ngayo kwiveki edlulileyo - into esiyenzileyo engalunganga – indlela yokuzenza ngcono, umntwana ongcono kaThixo kunye nokuthandaza.
- Ukuba siyazilungiselela, inkonzo yobungcwalisa kunye neCawe iba nentsingiselo ngakumbi kubomi bethu.

### UThixo ufunu ukusingcwalisa.

- Yonke inkonzo yobungcwalisa ingcwele ngoba uThixo ukho
- UThixo usingcwalisa
- o Ngelizwi lentshumayelo
- o Ngokuxolelwa kwezono
- o NgoMthendeleko oNgcwele kunye
- o Ngentsikelelo yaKhe (ufefe) -Umthandazo phambi kokuba sicule uAmen
- Ngexesha lenkonzo iNkosi iyasingcwalisa kwaye isenze ukuba silungele ikamva



"Ngoku wanga uThixo woxolo ngokwaKhe anganingcwalisa ngokupheleleyo; kwaye wanga umoya wenu wonke, umphefumlo nomzimba ungagcineka ungenakusoleka ekubuyenini kweNkosi yethu uYesu Krestu "(1 Tesalonika. 5: 23).

## Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- iSabatha, iCawa yamaKristu, ngumhla weNkosi.
- Iusuku lokuphumla nosuku olubekelwe iNkosi.
- Siyigcina iSabatha ingcwele ngokutyelela iinkonzo zobungcwalisa nangokokuziphatha kwethu, ngamanye amazwi indlela esiziphethe ngayo imini yonke.
- Siyazingcwalisela inkonzo kwaye singcwaliswa nguThixo ngexesha lenkonzo.

## Eminye imibuzo esinokuyibuza:

### 1. Ingaba iSabatha kune neCawa yimini enye?

Ngokomthetho wamaYuda (inkolo yamaYuda) iSabatha ngumhla wesixhenxe. UThixo waphumla ngomhla wesixhenxe wendalo, wawungcwalisa (ngamanye amazwi, wayenza ngcwele). Olu suku lokuphumla lwalunikezelwe ukuba kukhunjulwe umsebenzi kaThixo wokudala nokukhumbula indlela awabakhulula ngayo amaSirayeli eYiputa. Kwikhalaenda yamaJuda olu suku lungoMgqibelo. KumaKristu, usuku lweSabatha yiCawa. UYesu wavuka kwabafileyo ngalo mhla weveki. KumaKristu, ukungcwalisa iCawa kukwavakalisa uvuko lukaYesu Krestu kune nokukhunjulwa kwePasika. Kungoko, iSabatha (kuzo zombini iinkolo zamaYuda kune neyobuKristu) Iusuku lokuphumla, usuku olungcwele. Nangona kunjalo, amajuda abhiyozela iSabatha ngo-Mgqibelo kwaye amakristu abhiyozela iSabatha ngeCawa.

### 2. Siva igama elithi "ngcwele" ngalo lonke ixesha. Ingaba ithetha ntoni?

'ungcwele' uthetha ukwahlulwa kwento yasemhlabeni kune neqhelekileyo (yonke imihla, inkqubo); kuthetha ukuba libekelwe uThixo.

### 3. Luyintoni ufefe?

Ufefe yintsikelelo evela kuThixo esiyifumana ekupheleni kwenkonzo nganye ngaphambi kokuba sicule uAmeni njengebandla: La ngamazwi athethwayo: "Ubabalo lweNkosi uYesu Krestu, nothando lukaThixo, nodlelwane boMoya oyiNgcwele, mabube nani nonke" 2 Korinte 13: 14.



## Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

*Thixo othandekayo, enkosi ngale mini*

*Sikelela bonke abazali kune nabantwana*

*Kunga singeva ubukho bakho*

*Sikelela isifundo esiya kuba naso*

*Nceda usifundise sikukhonze njani*

*Kwaye sincede senze intando yakho*

*Ukuze sisondele kufuphi kuwe*

*Thumela uYesu ukuze asiphuthume*

*Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe*

*Amen*



Amabakala abalulekileyo
